

Ibanga
loku- **3**

Incwadi Enkulu yamabalana

ISIXHOZA



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Incwadi

4

Indlela yokusebenzisa le ncwadi:

Amabali akule ncwadi:



1 Ukudlala umdlalo



2 Izilwanyana ziqhweshile

1

q

Ukulungela ixesha lokufunda Incwadi Enkulu

- Qinisekisa ukuba incwadi ibonwa ngabantwana bonke.
- Ukuba baninzi kakhulu abafundi bakho, bahlule babe ngamaqelana.
- Kungaluncedo ukuba nexhayi lencwadi onokubeka kuso incwadi ukuze ungayibambi ngokwakho xa ufunda. (Jonga imiyalelo yokwenza ixhayi lencwadi kuqweqwe lwangasemva.)
- Yiba nento yokwalatha nokuba yirula oza kwalatha ngayo amagama xa ufunda.
- Ukuba ufunu ukugxininisa igama elithile, ungancamatelisa amaphetshana ajikeleze elo gama okanye wenze 'ifesitile'. Thatha iphepha uze usike uxande bindini. Wakugqiba beka uxande olo phezu kwamagama ukuze kuvele kuphela igama elinye, eli ulifunayo.

Ukufunda notitshala okokuqala

Ukufunda kokuqala kugxila kulonwabo nokubona amagama okokuqala, nabantwana bethetha ngebalu.

- Tyhila ubabonise ibali abaza kulifunda.
- Thetha ngemifanekiso ekhoyo. Abafundi mabaqikelele ibali ngokujonga isihloko nemifanekiso.
- Bafundise amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba abafundi bafunde ibali.
- Yenza amakhadi amagama oza kufundisa ngawo isigama esitsha.
- Funda ibali ngendlela eza kubonisa imvakalelo, ukutshintsha-tshintsha kwelizwi, isantya sokufunda nemvakalo-zwi. Sebenzisa izijekulo/izandla nembonakalo yolusu/yobuso.
- Yalatha amagama ngerula xa ufunda ukuze abafundi babone la magama uwafundayo ukuze bakwazi ukudibanisa isandi kunye nophawu olusephepheni. Oku kuya kubanceda babone inkubo yokufunda ukusuka ngasekhohlo uye ngasekunene nokusuka ngasentla uye ngasezantsi.
- Eli thuba lisebenzisele ukufundisa 'ulwimi lwencwadi' olufana namagama, izivakalisi, iphepha, umbhali, isihloko, njalo-njalo.
- Abafundi mabathathe inxaxheba ebalini, bangenelele kwiindawo ezinamabinzana aphindaphindwayo (umz. "Naliya isela elenze le nto, lisihlazisa sonke! Qhiwulan, qhiwulan!"
- Kufuneka ibali lifundwe kabini okanye kathathu ukuze abafundi babe nethuba lokuphindaphinda bonke ngaxeshanye izicuku zamagama, benze imidlalo belinganisa ibali okanye babalise iindawo ezithile besebenzisa awabo amagama.

Ukufunda notitshala okwesibini

- Xa kufundwa okwesibini kusetyenziswa isicatshulwa esinye kwaye kugxininiswa ukubandakanyeka xa kufundwa notitshala kusetyenziswa iingxoxo eziphuhlisa isigama, ukuqonda, izakhono zokucalula neemo zezi catshulwa (igrama, iziphumlisi, njl.)
- Kukuwe titshala ukugxininisa kwizifundo ezingale miba: ulwazi ngeembalo, iimpawu zeembalo, izandi, iipatheni zolwimi, ubuchule bokuchonga amagama nokuqonda ngokwamanqanaba ahlukeneyo (intsingiselo eqhelekileyo, ukulungelelanisa, intsingiselo efihlakeleyo, ukuhlola nemibuzo ebonisa ukuqonda okunzulu.)

Ukufunda notitshala okwesithathu

- Kwityeli lesithathu lokufunda kufuneka abantwana bafunde ibali ngokwabo, benze imisebenzi ethethisayo, eyenziwayo nebhalwayo esekelwe ebalini.
- Apho kunokwenzeka, ibali elifundwe notitshala kufuneka libe luncedo kumsebenzi wokubhala notitshala apho utitshala abonisa indlela yokubhala ibali. Abantwana nabo baba nenxaxheba ekuyilweni kwesicatshulwa ngeli xesha utitshala adlala indima yokukhuthaza nokubhala ebhodini. Oku kubonisa inkubo yokubhala kunceda ekufundiseni abantwana ukuba bakwazi ukubhala eyabo imisebenzi.

Njengotitshala kuza kufuneka wenze izicwangciso ezilungiselela imisebenzi yokufunda notitshala eklasini. Ngokwesiqhelo xa kufundwa notitshala, utitshala usebenza nabafundi bonke, kodwa ukuba abafundi baninzi kakhulu kuya kulunga ukuba utitshala asebenze neqela okanye inxalenye yabafundi ngexesha. Kufuneka kuqinisekiswe ukuba abantwana bahlala kakuhle ukuze bakwazi ukuyibona Incwadi Enkulu ukuze bakwazi ukufunda okubhaliwego.

Xa kufundwa Incwadi Enkulu umntwana ufunda ukuphatha incwadi ngendlela eyiyo, ukuyibamba ayimise nkqo, atyhile namaphepha kakuhle. Ufunda isigama esingencwadi, umzekelo, uqweqwe, umphambili, umva nesihloko. Ukufunda notitshala kukwabonisa inkubo yokufunda kwaye kubalulekile ekupuhhliseni izakhono zabantwana zokumamela, ukuthetha, ukufunda, ukuqiqa nezokubhala njengoko kugunyazisiwe yinkubo kaCAPS:

- Ukupuhhlisa izakhono zokumamela nokuthetha.
- Ukupuhhlisa izakhono zokufunda ezsakhulayo.
- Ukuphendula imibuzo esekelwe ebalini.
- Ukuthetha inxaxheba kwiingxoxo nokunikana ithuba lokuthetha.
- Ukuzoba nokulinganisa ibali.
- Ukuqikelela ukuba lingantoni na ibali ngokujonga imifanekiso.
- Ukusebenzisa ithuba lokufunda notitshala njengesiseko sokubhala notitshala.

1

Umdlalo wokugqibela





Kwakuyimini
epholileyo kweyo Mqungu
mhla iqela lebhola
ekhatywayo labangaphantsi
kweminyaka eli-10 lisehla
ebhasini, ingunkxwee, ingulowo
ethethela phezulu. Babesiya
kudlala umdlalo wabo
wokugqibela welo xesha.

Wonke umntu wayonwabile malunga
nomdlalo wokugqibela ophakathi
kwesikolo iNew Town nesamabanga
aphantsi iSea View Primary School.

ULinda noMandu

yayingamantombazana ekuphela
kwawo kwiqela laseNew Town.

Babenethemba lokuba baya kudlala
kakuhle baze basithwaxe isikolo iSea
View Primary.

ULinda noMandu baba nombono
weqela labo liphumelela indebe.

UMandu oneminyaka elishumi
elinanye wayengomnye wabo
babenemincili. Wayezibona efaka





inqaku lempumelelo ngeebhutsi
zakhe ezintsha zesoka ezimthubi.

Ngephanyazo, watsho ngesikrakra
isikhalo esiwa emngxunyen.

“Ndincedeni!” wakhala esitsho. ULinda,
uPeter noJabu bajika bebaleka ukuya
kumnceda. “Yhooo!” wakhala esitsho
ex huma-x huma ngomlenze omnye.

“Andikwazi ukuma ngonyawo lwam!”
Wahlala phantsi engceni. “Ndiyathemba

ukuba andophukanga eqatheni,”
utshilo enyembezana.

“Ukuba uMandu akanako ukudlala,
oko kuthetha ukuba andisayi kudlala.
Kuya kufuneka ndimse eklinikhi,”
uLinda waphefumlela phezulu.

“Ungakhathazeki Mandu,” utshilo.

“Ndiza kusa kwagqirha.”

“Hayi Linda, hayi! Akunakuyenza
loo nto. Ndiza kulinda apha de
kuphele umdlalo,”


“Akunakuhlala
apha wedwa
Mandu,” uphendule
uLinda.





Amanye
amalungu
eqela aya
kudlala. ULinda
wamxhasa
uMandu
babuyela kunye
ebhasini, baze bobabini bay a eklinikhi.
Ugqirha waluxilonga ngononophelo
unyawo lukaMandu. Wamsa egesini,
i-X-reyi, wayijonga waze wancuma.
Wabaxelela ukuba unyawo lukaMandu
luza kuphila. Walubopha waze waxelela
uMandu ukuba uza kuyidlala isoka
kwakhona xa eziva ebhetele.

“Ukuba niyathanda,” watsho ugqirha,



"Ndinganihambisa
ngemoto ukuya
ebalen iemidlalo.

Ndagqibela kudala ukubukela
umdlalo webhola ekhatywayo."

Amanqaku ayelingana macala,
ema-2 eNew Town, ema-2 naseSea
View. Xa uqala kwakhona umdlalo, la
mantombazana mabini angena ebaleni.

ULinda wafaka ngokukhawuleza inqaku
lesithathu leqela lase New Town, kwaze
kwathi nje phambi kokuba ikhale
impempe yokuphela komdlalo, uMandu
wafaka elesine.

Uhlobo awayonwabe ngalo la
mantombazana mabini xa iqela
lawo lilandaikhaka lesikolo sabo
yayilolungathethekiyo.



2

Izilwanyana ziqhleshile



Ngabusuku buthile basehlotyeni kwakushushu. Umgcini-myezo wezilwanyana watshixa zonke iikheji zezilwanyana phambi kokuba agoduke.

"Nilale kamnandi zilwanyana,
sakubonana ngentsasa yangomso,"
watsho xa etshixa ikheji yemfene.

"Ulale kamnandi nawe," waphendula uMnu. Mfene ngeli xa athatha ngononophelo izitshixo ezazijinga kwibhanti yomgcini-myezo wezilwanyana.

"Andisadinwe!" watsho umgcini-myezo wezilwanyana. "Ndiyavuya lifikile ixesha lokugoduka. Ndlela le ndilambe ngayo ingathi andisafiki ekhaya ndizofumana isidlo sangokuhlwa nosapho lwam."



Uthe engekabi phi umgcini-myezo
wezilwanyana wabe uMnu. Mfene evula
zonke iikheji zezilwanyana.


"Molo Nksk. Mvubu," watsho,
"Yiza sonwabe ethekweni!"

"Molo nawe Mnu. Ngonyama," yatsho
imfene, "Yiza uzokonwaba nathi!"

Izilwanyana zaxoxa ngokuzimela zimke
kulo myezo.

Iinkawu zazimela kuqala. Zahamba
zonke zingamashumi amabini
anesithathu. Zaqqabela ucingo zaya
epakini.





Iinkawu zavuya kakhulu zakubona
itafile idekiwe kulungiselelwe itheko
lokuzalwa elaliza kuba ngemini
elandelayo. Zakutya konke oko kutya
kwetheko.

Zadllala kunojikeleza nakoojingi.



Kwathi kusenjalo unogada
wepaki wothuka esebuthongweni.
Wamangaliswa kukubona iiinkawu
ezingamashumi amabini anesithathu
zidlala epakini. "Ingaba ndibona kakuhle,
ziinkawu ezi ndizibonayo?"

Imvubu yaggiba kwelokuba nayo
iwushiye umyezo, yaza yayabula
endleleni.

Yamangaliswa yingxolo eyenziwa
zizithuthi endleleni. Ayizange iyive
enje ingxolo! Yaggiba kwelokuba
ilale kwichibi elalisecaleni kweholo
yedolophu, kodwa
zange ikwazi ukulala
ngenxa yengxolo
yeehutara
needalam
zezithuthi
zongxamiseko.





UNgonyama yena wayenyalasa esihla
ngesitalato. Wayehamba enukisa
efuna ukutya. Angatya ntoni bethu?


Wakroba ngaphakathi evenkileni.
“Ncedani! Ncedani!” bakhwaza
bekhala abathengi.

Indlovu yaba sisilwanyana sokugqibela ukumka kumyezo wezilwanyana. Yahla isenyuka izitalato zedolophu.

Yathi isahamba njalo yabona indlu isitsha. Yafunxa amanzi kwidama lokuqubha yatshiza icima umlilo. Kungekudala wacima umlilo.

“Wenze kakuhle Mnu. Ndlovu!”
bakhwaza ngemivuyo abacimi-mlilo.

“Hureee!” batsho ngamayeyeeye
ababukeli.



Indlovu yaqhubeka nohambo lwayo isiya ngaselalini.


Yabona uThembisa ehamba evela kukha amanzi emlanjeni. Wayesindwa yiemele yakhe yamanzi.

"Ayachitheka la manzi njengokuba ndihamba nje," watsho uThembisa.

"Ungakhathazeki, ndiza kukuphathisa iemele yakho," yatsho indlovu.

Yamthatha uThembisa yambeka kuyo emqolo yaze yafunxa amanzi amaninzi anokuzalisa itanki.







Kungekudala umgcini-myezo
wezilwanyana nabancedisi bakhe
bathi saabekhangela izilwanyana.
Amapolisa nawo eza kubancedisa.
Amaphephandaba neendaba
zoonomathotholo zazilumkisa abantu
ngengonyama enyalasa ezivenkileni.



Izilwanyana zagqiba kwelokuba
zibuyele kumyezo wezilwanyana.

“Akululanga ukufumana ukutya
edolophini,” yatsho ingonyama.


“Andikwazi nokulala ubuthongo
obuhlayo yile ngxolo ingapheliyo
yezithuthi,” yatsho imvubu.

“Ingathi lihlathi elisesixekweni,”
itshilo indlovu.



“Besonwabe kakhulu ethekweni,
kodwa sidiniwe ngoku kwaye sifuna
ukugoduka,” zatsho iinkawu.
UMnu. Mfene owayegcine izitshixo
wavula isango lomyezo wezilwanyana
wazingenisa kwakhona izilwanyana.

“Oo-o, ndiyayibona ke ngoku into
eyenzeke kwizitshixo zam!” utshilo
umgcini-myezo wezilwanyana.



Siyankela kolu thotho lweNcwadi Ezinkulu. Le Ncwadi Inkulu iyinxalenge yothotho lweencwadi iRainbow Series oluquka iincwadi zokusebenzela, isisele (ingqokelela yeendidi zeembalo), iincwadi zokufunda ezahlulwe ngokwamanqanaba kunge neepowusta. Siyathemba ukuba la mabali ahlukeneyo akwezi Ncwadi Zinkulu zisibhoso zeli banga aya kuba luncedo ekufundiseni kwakho, nokuba abafundi baya kukonwabela ukufunda kunge nawe.

INgxelo yeNkqubo yeKharityhulam noVavango iCAPS yesiGaba esisisiSeko igxinisa ekufundeni notitshala njengenxaleny ebalulekileyo yobuchule bokufunda. Ukufunda notitshala kukholisa ukuthatha iintsku ezimbini ukuya kwezine ngeveki apha bonke abantwana bafunda incwadi enye.

Ukusebenzisa iNcwadi Enkulu enamagama amakhulu yeyona ndlela ilungileyo yokufunda notitshala kuba abantwana bayawazi ukubona amagama nemifanekiso, bakulandele naxa ufunda ngendlela efana naleyo bayiqhelye yasemakhaya yokubalisa amabali neentsomi. Kubalulekile ukuba bahlale kufuphi neNcwadi Enkulu uku bakwazi ukubona nokufunda amagama. Amagama amakhulu eNcwadi Enkulu enza kubelula ukufundela abafundi abaliqela ukhwaza ngexesha elinye kwimeko ekhululekileyo nengoyikisiyo.


Iincwadi Ezinkulu ezikolu thotho ziza kufundisa abafundi bakho amabali ahlukeneyo, imibongo, izicengcelezo nemidlalo emifutshane kwakunye nolwazi nemifanekiso.

Luxanduva lwakho njengotshala ukuba wenze amabali aphile kunjalonje wakhe imeko yolonwabo nochulumanco. Ukufunda Iincwadi Enkulu kwenza ukuba ukwazi ukufundisa ukufunda ngendlela eyonwabisayo kuwe nakubafundi bakho. Siyathemba ukuba le ncwadi iya kukuneda wenze kanye loonto.

Iingcebiso malunga nokusetyenziswa kweNcwadi Enkulu

- Funa iplasitiki ecacileyo oza kuyibeka phezu kweNcwadi Enkulu. Iya kuba luncedo kuwe nakubafundi nibe nakho ukubhala phezu kwayo.
- Bhala phezu kweplasitiki ngepeni esulekayo (imakha yokubhala kwibhodi emhlophe).
- Qhoboshela iplasitiki yangaphezulu kwiNcwadi Enkulu ngephedi okanye ngekliphu.

ISBN 978-1-4315-2936-0



ISBN 978-1-4315-2936-0

THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

The Big Books in this series are available in all languages. They were developed by a team of UNISA Language and Education experts as part of their Community Engagement contribution to South Africa's education sector.

Author: V McKay




Zenzele elakho ixhayi lencwadi

Uza kufuna oku:

- Ikhadibhodi enobubanzi obulingana nobeNcwadi Enkulu ivuliwe (594 mm) nobude obuphindwe kathathu (1369 mm).
- Iteyiphu encamathelesayo.
- Iphegi zokwaneka iimpahla ezimbini zokubamba ikhadibhodi.

Goba ikhadibhodi yenze imilo engu-A uze udibanise isiseko nomphambili njengoko ubonisiwe apha ngezantsi. (Dibanisa iziqwenga zekhadibhodi ngeteyiphu yokuncamathelesa ukuba akunasiqwenga side ngokwaneleyo.)



Heyi, heyi, heyi.
intloko

